Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

10. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

    ICANDELO A: imizuzu engama-50
    ICANDELO B: imizuzu engama-25
    ICANDELO C: imizuzu engama-45

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### IINTATYANA EZIKUDE ZINGAMASITHELA

1 Ikhaya likhaya namanxeba abotshwa ekhaya. Ungafanelana usiya kwiimbombo zone zomhlaba uzingela indlu kanomyayi, kuba akusayi kuze uyifumane indawo edlula ikhaya. Kuphakathi kwabazali kuphela apho nomntwana alilela into ayifunayo, kuba ukuba usemzini unxubela ukugoduka. Kusekhaya apho athi umntwana ebekruqule enqandwa ebubini imihla yonke ahlelwe yinkathazo, enzakale okanye alimale, kodwa uyibone ithontsiza iinyembezi indoda, isiwa ngapha nangapha ide ichithe yonke into isale ingumpha ochutywe walahlwa.

2 Amafu esibhakabhakeni siwabona equkuqela esiza emhlabeni engamathontsi kodwa iqondo lokugqibela kukuphindela esibhakabhakeni apho iwawo likhona. Lithole lerhamba elifela esithubeni nalo ngenxa yokuba lingenasigxina sakhaya kwamhla kwasekwa iinduli neentaba.

3 Amazwi kaJwarha ayehleli entliziyweni kaDingezweni. Amtsho wamana ecinga ngewabo ubusuku nemini. Ngeli xesha wayesaziwa ngobungqwanyalala nokuswela inceba kulo lonke elaseDlokweni. Le nto yabangwa yindlela awaphathwa ngayo eGoli nakuzo zonke ezi ndawo wayehamba kuzo. Kaloku wayeseRoma nje, wayexhentsa etshila ngezidanga zamaRoma. Wayeyithabathe ngeenyawo ezinkulu yonke into.

4 Wayezondene nomntu enenqala nenzondo yemfene ngenxa yempatho awayifumana emntwini naye. Ngenxa yale nto wangenwa buburhumsha obungathethekiyo. Wayesilwa umhla nezolo ezele izinxenxe neenduma ewonke. Imela naye yayingumtya nethunga engumayitshe osoloko efuna undikho. Waqala waziwa ngokuba nguMajongwayinjini, kuba ehambe iindawo ezininzi walikha amakhenke ilizwe, nangoku esajongwe kukubheka phambili, kuba ilizwe libanzi. Kwaya kwaya ezibalula urheme waziwa ngokuba nguMajor Reward Elgin. Kaloku eli gama lithi, 'Reward' naxa esiNgesini lithetha umvuzo nje, ezincwadini zoburhumsha lithetha umntu ozondwa kuzo zonke iindawo. Lalikwavela kuMajongwayinjini.

5 Wathi naxa wayezenza ezi zinto yabe intliziyo yakhe imjikajika, isazela sakhe simxelela, simgweba ubusuku nemini. Waqala walikhumbula iphupha awaliphupha kwelaseMlungwini angazange alinanze. Yamtya le ngcinga iintsuku ngeentsuku. Umbilini wamtsho wangenwa bubuphakuphaku nophaphazelo akulala.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6 Wayesithi akulala aphuphe uyise emphuthumile, ngathi yena uyala ukugoduka. Le nto yamangalisa, kuba wayengakholwa ukuba uyise angabuya amamkele. 'Ingaba watshaba nyaniso ubawo?' wamana ezibuza esitsho uDingezweni. Maxa wambi wayesithi, 'Kanene le nto iliphupha yinyaniso?' Zamana zimfikela ezi ngcinga. Aqala amkrekretha amazwi kanina ephupheni, ada athi kratya akuwathelekisa namazwi kaMfeketho. Eyona nto yayimdla sisazela sokuba eqonda ukuba ngaloo ndlela wayehamba ngayo wayezinyulele intlanganiso yamatyala kanye. Owu! Wayede abe ngathi uyayibona loo mini ibuhlungu.

7 'Nangoku! Iphupha bubuxoki obuphindaphindeneyo. Tyhini umama ukuxoka nasephupheni! Ndim lo ndaphupha isiporho, ndada ndaphantsa ukufa kukoyika kanti yonke loo nto ngamampunge. Kwakusemini ilanga liwuhlabile umhlaba kodwa ndaphupha kusebusuku. Ngoku sekuntsuku ndimana ndiphupha ubawo endiphuthumile kodwa ndim lo ndiselapha kunjalo nje angathini ukundiphuthuma ubawo wandigxotha, wandihlamba nje? Khangela ke ubuxoki bephupha budandalazile. Inye kuphela inyaniso, yile yokuba iphupha ngamampunge,' watsho exoxa eziphendula. Wayehluphekile umfana, uMajor Reward Elgin, ngabula basebenzi baseDlokweni.

8 Wayesithi akucinga ngendlela ebuhlungu awahamba ngayo oko wemka kowabo idandatheke intliziyo yakhe. Wayezicinga neentshwabulo ezininzi ezawa phezu kwakhe engenzanga nto mntwini yena. Wayesoloko ekhalazela ukoniwa kwakhe ngabantu yena ezama ukuzibeka. Oko koniwa ngamanye amaxesha yayikukusuka afune into yomnye ngenkani, athi akwala lowo abe ke umonile uDingezweni ngokwenje njalo.Uya kuluthwala ke uxanduva ade athi shu Nonkantsi.

..........................................................................................................

9 Kwakusithi kwakufa umntu ongaziwayo apho avela khona bazityhuthule iimpahla zakhe. Wayesithela ngesebe lenkawu esithi yena wabelwa imali eGoli kanti yena wenza umsebenzi omhle eluntwini – lo wokulondoloza iimpahla zabafi ukuze zingabi ngutyhirha esithubeni, kuba loo nto sisono. Wayedla ngokuba nethemba sakuhla entungo isigcawu, ecinga ukuba uza kufumana incwadi evela kuNomzamo. Ngezi mini wayengakhumbuli kancinci kowabo ekhumbula ikakhulu uNomzamo, ethe phithi thwanga kodwa ezibambile, ebaleka izigxeko. Wayeyikhumbula iMnandizonka, izwe lokuzalwa kwakhe, isithwe ziinduli neentaba, ubude bamathafa benze umsantsa phakathi kwakhe nayo. Wayelifuna iggirha elinokumthi cho abe nokuphumla koko kukrekrethwa ngumvandedwa. Wavakala eyikhumbula ingoma eyayidla ngokuculwa yikwayala enkulu yeso sikolo saseMnandizonka ekuthiwa yiPaul Xiniwe.

..........................................................................................................

10 Nanga amazwi awayesuka amtsho uDingezweni aziqonde ukuba uxheleke ngaphakathi: 'Hay'ezi ntaba kwanaz' ezi nduli. Zindisithile ndiyahlupheka.'

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *UDINGEZWENI*, ebhalwe ngu: PT Mtuze, amaphepha 132–135 saze sahlelwa]

1.1.1 Ubaluleke ngantoni umzali ebomini bomntwana ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.1.2 Khankanya umqondiso ube mnye awusebenzisileyo umbhali wesicatshulwa xa athetha ngokubaluleka kwekhaya. (2)

1.1.3 Ingaba umbhali wesi sicatshulwa ufuna sicinge ntoni ngeGoli xa esithi, 'kaloku wayeseRoma nje, wayexhentsa etshila ngezidanga zamaRoma?' (2)

1.1.4 Bungqina buni obuvelisa ukuba uDingezweni wayesoloko esilwa? Nika izinto zibe MBINI ukuxhasa oku. (2)

1.1.5 Chonga kwisicatshulwa isafobe esithetha into enye nesi, 'intlaka nexolo'. (1)

1.1.6 Bonisa ukufaneleka kwegama u 'Reward' kuDingezweni. (1)

1.1.7 Igama 'amkrekretha' ngokwesicatshulwa lithetha ukuba:

A Amonwabisa amazwi kanina.
B Amngcungcuthekisa amazwi kanina.
C Amvuselela amazwi kanina.
D Amkhuthaza amazwi kanina. (1)

1.1.8 Yintoni awayezikhohlisa ngayo uDingezweni xa wayedukisa amaphupha awayemvelela? (1)

1.1.9 Ngokwesicatshulwa isigcawu singumqondiso wantoni? (1)

1.1.10 Caphula kwisicatshulwa into ebonisa ukuba uDingezweni wayemthanda ngokungazenzisiyo uNomzamo. (1)

1.1.11 Cazulula le ntetho kaDingezweni ethi 'wayezicinga neentshwabulo ezininzi ...' (1)

1.1.12 Kwizinto zonke ezimbi awayezenza uDingezweni wayenendlela azithethelela ngayo. Xhasa oku ngento ibe nye awayedla ngokuyithetha. (1)

1.1.13 Zintoni ezazahlule uDingezweni nekhaya lakhe iMnandizonka ngamaxesha eenkumbulo? (1)

1.1.14 Yayivuselela ntoni ingoma kuDingezweni ngexesha wayetshiphile. (1)

1.1.15 Gqibezela le ntetho ilandelayo:

Iintaba ezikude ngamasithela ezikufuphi ... (1)

1.1.16 Athi amaciko, 'xa ingqeqesho yomzali ikuphosile ubomi yeyona titshala inkulu.' Ngqina oku ujonge uDingezweni. (2)

1.1.17 Bonisa indlela igama likaDingezweni elinxulumana ngayo nezinto ezimehleleyo kwesi sicatshulwa. (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



1.2.1 Lwalamano luni olunokuba phakathi kwesi sibini sikulo mfanekiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.2 Uvuselela eyiphi ingcingane umfoti ngalo mfanekiso womntu obhinqileyo onceda umntwana kumsebenzi wesikolo? (2)

1.2.3 Ngokomfanekiso inkxaso efunyanwa yile ntombazana inafuthe lini kuyo? (2)

1.2.4 Wena mfundi ufunde ntoni kwezi zicatshulwa zibini u-A no-B? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

**ISICATSHULWA C**

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA C esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kunikwa iingcebiso zokulondoloza imali.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ngezivakalisi ezipheleleyo, ungadluli kumagama angama-70.
- Esi sicatshulwa simalunga neengcebiso zokulondoloza imali.
- Ungashwankathela ngeengongoma ezisi-7 OKANYE ngomhlathi.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**YITYA UBEKA – AKUSAYI KUZISOLA**

Mayicace zisuka nje into yokuba xa kuthethwa ngokulondolozwa kwemali akutshiwo ukuba imali le mayingawenzi umsebenzi wayo. Akho amagqolo axolele ukudlakazela nokuthwaxwa yindlala kunokuba kuchukunyiswe imali yawo eseluvalelweni. Kuyafuneka ukuba umntu atye, anxibe abe nayo nendawo yokuqhusheka intloko kungenjalo singaba asiyazi eyona nto siyenzayo. Into emandla apha nefuna ukugxininiswa yeyokuba iqhosha eli makungafekethwa ngalo koko malisetyenziswe ngobungcathu likokoswe.

Ingaba mhlawumbi umntu angaqala xa abudala buthini ukulondoloza imali, kwaye ndlela zini ezikhoyo angathi ngazo akwenze oko? Apha esiXhoseni sinentetho ethi 'bagotywa bebatsha' nendicinga ukuba yeyona ifanelekileyo kwesi sithuba. Isithethe sokuvalela imali singaqalwa umntwana eselula akhuliswe ngaso ade afikelele kwixabiso lokuba angaziqhubekela ngokwakhe. Zikho iinkonkxana ezilungiselelwe abantwana ezinomngxuma omxinwa wokufaka imali nezifumaneka ikakhulu kwiivenkile ezithengisa izinto zokudlala. Qho umntwana ephiwa imali uyifaka kule nkonkxana ide izale ithi ntli. Umthetho wayo le nkonkxana iqhalwa ngoDisemba phambi komhla weKrismesi ukwenzela ukuba umniniyo akwazi ukuzithengela iintwana-ntwana zabantwana. Le nto imenza umntwana alibone ixabiso lokuvalela imali azingce ngokuba ekwazile ukulondoloza imali ixesha elingangonyaka.

Uthi akufikelela kwixabiso elithile umntwana ayishiye ngoku inkonkxa aqhelaniswe nencwadana yokuvalela yasebhankini. Kaloku ngoku nemali le ayiphiwayo ayisezo nkozo kuphela seyithande ukuxuba namaphepha aliqela. Akusathathwa kufakwe nje ngoku kufuneka kuqala kuzaliswe amaphepha athile aza kuhamba nale ncwadana nemali, kugximfizwe kusayinwe. Incwadana yebhanki ihlala kuye hayi emzalini wakhe. Ibhanki yeyona ndawo ifanelekileyo yokugcina nokuthenga izabelo kwiibhanki nakwiinkampani ezinkulu. Izabelo usengazithenga zibe ninzi ngexesha elinye. Uyakwazi nokuthenga izabelo oza kumana uzihlawulela imali qho ngenyanga kude kuphele ixesha elibekiweyo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Ezilokishini, ezilalini naphakathi ezidolophini kukho imibutho ngemibutho ekhoyo yabahlali eenjongo zayo zikukukhuthaza abantu ukuba balondoloze imali. Ungeva kukhalwa ngemigalelo, ngemibutho yokuthenga ukutya, ngezitokfela, ngombutho wamathile, njalo-njalo. Wena mntu ubukade unamathandabuzo ngolondolozo mali ndiqinisekile ukuba ngoku nje utsha ziintambo ufuna ukuba nawe igama lakho libhalwe kwezo ncwadi zasebhankini.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *Unambitheko*, ebhalwe ngu: M Yekela, amaphepha 86–91 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO C: ULWIMI**

**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

**ISICATSHULWA D**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

# KWAZONDLEKILE

## SIZIDLA NGOKONDLA!

***Ucinga ukuba ngumfama okanye ufuna ukwenza imicimbi yekhaya?***

**Nxibelelana nathi ngokukhawuleza**
**Sineyodidi imfuyo.**



**Ungangumfama ozingcayo nowaziwayo ngeenkomo zethu zobisi nezenyama. Iminyanya ingakukhusela ngephanyazo maxa onke xa unokusebenza ngeenkomo zethu. Fumana isidima ngokufuya iihagu zethu ezityetyisiweyo neenkukhu zodidi!**

**Thenga iinkomo ezilishumi, sikunike ithole simahla!**
**Ntyuntya ukudibana noMatyeko kule dilesi;**

**1 .1.17Sjingolweni Street, Ntselamanzi, Alice**
**Nxibelelana nathi ku 071 234 6748 kungenjalo ku wena.nam@gmail.com**

3.1 Kunagalelo lini ukusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Esi sibhengezo-ntengiso sijoliswe koluphi udidi lwabantu? (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.3 Siphuhlisa ntoni isihloko sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.4 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isakhi u-nga kwisenzi, 'ingakukhusela'? (1)

3.5 Xela islogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.6 Chonga igama elibonisa ukuba abathengi mabangachith' ixesha. (1)

3.7 Umbhali wesibhengezo-ntengiso xa esithi, 'Thenga iinkomo ezilishumi sikunike ithole simahla!' usebenzise isakhono:

A Sokunyanzelisa abathengi?
B Sokutsotsa abathengi?
C Sokuloba abathengi?
D Sokugxotha abathengi? (1)

3.8 Ingaba ukusetyenziswa kwebinzana 'Iminyanya ingakukhusela ngephanyazo ...' lunganafuthe lini? (2)

3.9 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo:

Inkomo eyehlisayo kuthiwa yi ... (1)
**[10]**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 4: CAZULULA IKHATHUNI**

**ISICATSHULWA E**

Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Icatshulwe kwimagazini iBona kaDisemba 2006 iphepha 107]


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.1 Umbhali wale khathuni ngu:

A Rasta Dube
B Shoti Mali
C Themba Siwela
D Stix Tosh (1)

4.2 Chonga izinto zibe-2 ezibonisa ukuba kule khathuni kuthethwa ngexesha lolonwabo. (2)

4.3 Yintoni enokwenza umnxulumanise nenkolo yobuKrestu omnye wabantu abanika uShoti izipho? (1)

4.4 Ukusetyenziswa kwegama '**intaphane**' nguShoti kunika yiphi intsingiselo malunga nezipho eziza kufunyanwa ngaMajimbos? (1)

4.5 Isakhi u-**ndini** kwigama 'sibhanxandini' sisetyenziselwe ukuveza eyiphi intsingiselo? (1)

4.6 Sizathu sini esibangela ukuba igama i'Bona' libhalwe ngoonobumba abakhulu kule khathuni? (1)

4.7 Yintoni enokukwenza ufikelele kwisigqibo sokuba ezi zipho zaziqokelelwa ngendlela engafanelekanga? (1)

4.8 Umlomo wakho lipolisa lakho, ngqina oku wayame ngeentetho zikaShoti. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**ISICATSHULWA F**

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

1 Lo ngutitshala <u>onamava</u> nophume izandla kwisifundo asifundisayo. Indlela afundisa ngayo iqaqamba kakhulu ngexesha lokuphela konyaka kuba kwisifundo sakhe ufumana ikhulu leepesenti labafundi abaphumeleleyo yonke iminyaka. Kwigumbi lokufundisa uya ecwangcisile, exhobe wafohlela kwicala lezixhobo zokufundisa. Yititshala enolwazi oluphangaleleyo nenesakhono sokulugqithisela kubafundi ngendlela eyiyo.

2 Usoloko efika ngexesha kwigumbi lokufundela aphinde aphume ngexesha elililo. Oko kukuthi yonke into uyenza ngexesha nangokwezicwangciso zakhe. Uyazinikela emsebenzini wakhe wesikolo kuba ukwancama nexesha lakhe lokuphumla elincamela ukufundisa abafundi. Loo nto yenza ukuba bamthande abafundi kuba uneenjongo eziphakamileyo ngabo njengoko kuza kuphuma oogqirha, zititshala, magqwetha, mapolisa, bongikazi njalo-njalo kubafundi bakhe.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

| | |
|---|---|
| 3 | Xa kusondele iimviwo akalali buhlayo ecinga ngamacebo anokuwasebenzisa ukuze ababone bephumelela bonke. Le titshala ingumzekelo omhle, banga bonke ootitshala bangenza njengoko isenza ukuze iziphumo zazo zonke izifundo ziphunyelelwe emagqabini ngabafundi. [Icatshulwe kuvimba wabevi] |

5.1 Isakhi u-**na** kwigama <u>onamava</u> sisetyenziswe njani? (1)

5.2 Sebenzisa igama, **'iqaqamba'** kwisivakalisi liphuhlise intsingiselo eyahlukileyo kule isetyenziswe kwisicatshulwa. (2)

5.3 Senze msebenzi mni isenzi, **'efika'** kwesi sivakalisi?

Usoloko efika ngexesha kwigumbi lokufundela. (1)

5.4 Ludidi luni lwesihlomelo oluphuhliswa leli gama, **'emsebenzini'** kwesi kwisivakalisi silandelayo?

Uyazinikela emsebenzini wakhe wesikolo. (1)

5.5 Ntsingiselo ni evezwa ligama, **'elincamela'** kwibinzana?

'… elincamela ukufundisa abafundi.' (1)

5.6 Luhlobo luni lwesenzi olukrwelelwe umgca ngaphantsi?

... nexesha lakhe lokuphumla elincamela <u>ukufundisa</u> abafundi. (1)

5.7 Xela imeko ezisetyenziswe phantsi kwayo ezi zibizo.

… zititshala, magqwetha, mapolisa ... (1)

5.8 Sebenzisa igama **'ukuze'** kwesakho isivakalisi. (1)

5.9 Usetyenziswe njengaluphi udidi lwesivumelanisi sesiphuwuli u-**om**-kwigama omhle?

'Le titshala ingumzekelo <u>om</u>hle'. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**


Downloaded from eduresourceza.com